

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO: IPHEPHA I**  
**ISIXHOSA FIRST ADDITIONAL LANGUAGE: PAPER I**

Ixesha: 2½ liyure

Amanqaku: 100

---

**QAPHELA**

1. Eli phepha lemibuzo linamaphepha ali-16. Nceda ujonge ukuba iphepha lakho leemviwo liphelele.
  2. Eli phepha linamaCANDELO amane.  
ICANDELO A: Izicatshulwa (30)  
ICANDELO B: Ushwankathelo (10)  
ICANDELO C: Imibongo (30)  
ICANDELO D: Ukusetyenziswa kolwimi (30)
  3. Phendula yonke imibuzo ngesiXhosa.
  4. Funda ngenyameko uze uphendule imibuzo ngokwemiyalelo yayo.
  5. Umthamo wempendulo mawukhokelwe ngamanqaku.
  6. Qwalasela upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.
  7. KwiCandelo C **unyanzelekile** ukuba uwuphendule **Umbuzo 3.1**, umbongo ongamiselwanga.
  8. Nombola iimpindulo zakho ngokwendlela ekunonjolwe kwiphepha lemibuzo.
  9. Bhala ngokucacileyo nangokucocekileyo.
-

## ICANDELO A IZICATSHULWA

### UMBUZO 1

Funda ngenyameko ezi zicatshulwa zingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

1.1

#### Ukuvula incwadi yebhanki

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Molweni, ndinganinceda?

**USIBONGILE:** Hallo. Igama lam nguSibongile Ncoko. Ndifuna ukuvula incwadi yokugcina imali. Ndifumene imali ngokuncedisa u-Anti wam kwishishini lakhe lokukhenketha.

**UTATA KASIBONGILE:** Ingakwazi ukwenzeka loo nto? Uneminyaka eli-14 kwaye akakabinayo incwadi yesazisi.

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Kulungile, Mnumzana Ncoko, sikhuthaza wonke ubani ukuba avule incwadi yokugcina imali.

**USIBONGILE:** Kulungile ke, kufuneka senze ntoni?

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Kufuneka nizalise le fomu. Utata wakho kufuneka andibonise isazisi sakhe aze naye asayine le fomu. Ndiza kufuna nesatifiketi sakho sokuzalwa, Sibho.

**USIBONGILE:** Kulungile ikhangeleka ilula le nto. Ndifuna ukubhala ngokwam umhla wam wokuzalwa, idilesi yam, inombolo yomnxeba ... Tata ithini idilesi yethu kanene?

**UTATA KASIBONGILE:** Ngu-27 Sobukhwe Street, Bellville, 7530.

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Kufuneka ke ngoku imali enganga-R50 ukuvula incwadi. Kufuneka kusoloko kukho imali enganga-R50 kwincwadi yakho lonke ixesha.

**USIBONGILE:** Kulungile, andizi kuyisebenzisa yonke imali yam. Ndinama-R80 ngoku yokuvula incwadi.

**UTATA KASIBONGILE:** Kulungile ke sivile. Xa ke ngoku uSibho efuna ukufaka enye imali kwincwadi yakhe uza kwenza njani?

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Ungeza ebhankini ze uzalise iphepha lokufaka imali, okanye ke ungafaka imali yakho kwimatshini yokucofa imali, i-ATM ngekhadi lakho endiza kunika lona.

**USIBONGILE:** Ndithini ke xa ndifuna ukukhupha imali ukuze ndizithengele into?

**UTATA KASIBONGILE:** Injongo yeyokuba uyigcine imali ungayisebenzisi!

**UMSEBENZI WASEBHANKINI:** Ndiza kunika ikhadi nenombolo eyaziwa nguwe wedwa. Kufuneka ke uyigcine le nombolo uyisebenzise xa ufuna ukufaka okanye ukugcina imali. Uncede ungaze uxelele mntu inombolo yakho kwaye ungaze ubonise mntu naxa uyicofa kwi-ATM.

<b>USIBONGILE:</b>	Kulungile ke ndifuna ukugcina imali, kodwa ndifuna ukwazi yonke indlela esebenza ngayo.
<b>UTATA KASIBONGILE:</b>	Enkosi kakhulu ngoncedo lwakho!
<b>UMSEBENZI WASEBHANKINI:</b>	Kuluvuyo nakum ukukunceda: ndikunqwenelela impumelelo, Sibongile.
<b>USIBONGILE:</b>	Enkosi. Usale kakuhle!

[Sithathwe kwincwadi *UKhanyo*, ibanga 7, iphepha 34 saza salungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

- 1.1.1 Xela ukuba le ncoko yenzeka phi. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.1.2 Khankanya abalinganiswa ababini kule ncoko. (2)
- 1.1.3 Kufuneka umntwana afake malini ebhankini ukuze avule incwadi yokugcina imali? (1)
- 1.1.4 Nika igama lomntu awayifumana kuye imali afuna ukuyibhankisha, nezizathu zokuyinikwa kwakhe. (2)
- 1.1.5 Xela iinkcukacha ezimbini ezifunwa yibhanki kuSibongile, ukuze avulelwe incwadi yebhanka. (2)

**[9]**

1.2

**UKUTYELELA UMZANTSI AFRIKA**

- 1 Unawo amaphupha okuhambela ihlabathi? Phambi kokuba wenze njalo khawuhambele iindawo ezahlukeneyo zoMzantsi Afrika. Uya kothuka kwaye uthabatheke kwizixeko nakumaphandle.
- 2 EKapa kukho iNtaba yeTafile nolwandle into ethetha ukuba ininzi into onokuyenza. Usenokunyuka intaba, uhamba-hambe okanye uqubhe nangona amanzi asenokubanda kakhulu. KuseWaterfront apho uziva ngathi usedolophini eselunxwemeni eMelika okanye e-Australia. Apho kukho iivenkile, iindawo zokutyela nalapho abafundi bahlala khona bancokole kwakunye neemvumi ezivuma esitalatweni.
- 3 IKapa likwenza uzive ngathi useMpuma. Isizathu soku zizakhiwo apho aMasilamsi akhonza khona kunye nenkolelo yaMasilamsi engagungqiyo kwizithethe zawo. Ukuba useKapa xa kuqala unyaka omtsha ungabona amanye aMasilamsi esenza umngcelele kwaye ehamba ngoluhlu kwizitalato zaseKapa ecula edanisa.
- 4 Intlambo iFranschoek ayikho kude eKapa. Masityelele kweli phandle lihle apho kulinywa umdiliya nalapho kukho izindlu ezindala zamafama ezisenamagama esiFrentshi. AmaFrentshi amaninzi akha amakhaya awo kule ndawo kwiminyaka elikhulu eyadlulayo. IFranschoek ibonakala njengeFransi.
- 5 Masihambe ngeGarden Route siye eMpuma-Koloni. Apha singena kumaphandle oMzantsi Afrika. Ecaleni kwendlela uza kubona izindlu zamaXhosa, oorontawuli abakhiwe ezindulini. Le meko ikwenza uzive ukwenye indawo ye-Afrika mhlawumbi eZimbabwe okanye eMalawi.

[Sithathwe kwincwadi *KwaXhosa zibenza zibutya*, ibanga 10, iphepha 110 saza salungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

1.2.1 Funda umhlathi woku-1.

Nika ingcebiso ekuthiwa mayenziwe ngumntu phambi kokuba ahambele ihlabathi. (1)

1.2.2 Funda umhlathi wesi-2.

(a) Yeyiphi indawo eKapa eyaziwa kakhulu ngabakhenkethi? (1)

(b) IWaterfront ifaniswa nawaphi amazwe? (1)

1.2.3 Funda umhlathi wesi-3.

Nika isizathu esibangela ukuba uzive ingathi useMpuma xa useKapa. (1)

1.2.4 Funda umhlathi wesi-4.

- (a) Chaza ukuba yintoni elinywa eFranschoek. (1)
- (b) Ucinga ukuba kwenziwa ntoni ngesiqhamo esivunwa eFranschoek? (1)
- (c) Chaza ukuba yintoni ebonisa ukuba iFranschoek ibonakala njengeFransi. (1)


1.2.5 Funda umhlathi wesi-5.

Xela ukuba yintoni ebangela uzive ingathi usemaphandleni xa usiya eMpuma Koloni. (1)

1.2.6 Xela ukuba ungafuna ukutyelela phi eMzantsi Afrika. Xhasa impendulo yakho. (2)

[10]

1.3 Qwalasela le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.



[Ithathwe kwi-intanethi yaze yalungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

- 1.3.1 Xela ukuba ititshala iziva njani kule khathuni. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.3.2 Nika izinto ezimbini ezibonisa ukuba ititshala izama ukuzikhusela. (2)
- 1.3.3 Ucinga ukuba utitshala ukhuselekile kweli gumbi lokufundela? Xhasa impendulo yakho. (2)

[6]

1.4 Funda le powusta ingezantsi, uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Utywala bubangela  
iingozi ezimasikizi.**

**Utywala benza ungakwazi  
ukuphepha iingozi  
ngokukhawuleza**

Arrive Alive Call Centre Number  
**0861400800**

transport  
Department  
Transport  
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

Stay Sharp, and let's all **ARRIVE ALIVE**

[Ithathwe kwi-intanethi yaze yalungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

- 1.4.1 Chaza ukuba ibhekiswe koobani le powusta. Xhasa impendulo yakho. (2)
- 1.4.2 Kutheni utywala bubangela iingozi ezimasikizi? (1)
- 1.4.3 Shwankathela ngawakho amazwi umyalezo onikwa yile powusta. (2)
- [5]

**30 amanqaku**

## ICANDELO B USHWANKATHELO/UKUSHWANKATHELA

### UMBUZO 2

Funda isicatshulwa esingezantsi, uze usishwankathele ngawakho amazwi.

#### QAPHELA:

Bhala amagama **angama-50 ukuya kwangama-60** ukubonisa ukuqonda.

Ungabhala izivakalisi **ezihlanu ezinomthamo OKANYE umhlathana**.

Bhala ingongoma ibe **NYE** kwisivakalisi ngasinye.

Bhala phantsi **inani lamagama** owasebenzisileyo ezantsi kwesishwankathelo.

# PHELISA UKUBHULISHA

**PHYSICAL**  
BULLYING

**VERBAL**  
BULLYING

**SOCIAL**  
BULLYING

**CYBER**  
BULLYING



The illustration shows silhouettes of children. On the left, three children are talking, with a red speech bubble containing a smiling face above them. In the center, a child is sitting on the ground, looking sad, with a blue speech bubble containing a sad face above them. On the right, three children are talking, with a red speech bubble containing a smiling face above them. The background is light yellow, and the silhouettes are dark blue.

Abantwana besikolo abaninzi bayaxhatshazwa/bhulishwa. Ukuxhaphaza/ukubhulisha kuyingxaki ekufuneka siyiphelise ezikolweni zethu. Kufuneka uqaphele ukuziphatha okuneempawu zokuxhatshazwa/zokubhulishwa.

**Kuthetha ukuthini ukuxhaphaza/ukubhulisha?**

Kukuphathwa gadalala kwabantwana ngabanye abantwana besikolo. Amaxesha amaninzi le ndlela igadalala yokuphathwa kwabanye abantwana yinto emana iphinda-phindwa. Ukubhulisha kuquka ukugrogriswa, ukuqhula okukhathazayo, ukubizwa ngamagama amabi, ukuvisa omnye ubuhlungu nokwenza omnye umntwana ikheswa ngabom.

**Uziva njani xa uxhatshaziwe?**

Ukuxhatshazwa kubuhlungu kwaye abantwana abaxhatshazwayo baziva bengonwabanga, besoyika kwaye benomvandedwa. Ukuxhatshazwa akuzi kuphela ngaphandle kokuba uxelele umntu ngako. Ukuba uyaxhatshazwa kufuneka uxelele utitshala wakho okanye omnye umntu omdala oza kukumamela aze akuncede.

**Yintoni onokuyenza ukuba uyaxhatshazwa?**

Xelela umntu. Xelela utitshala wakho, umama wakho, utata wakho okanye ilungu losapho lwakho. Bacele ukuba bakuncede ucinge ukuba uza kwenza ntoni. Ukuba uxhatshazwa emnxebeni okanye kwi-intanethi, gcina imiyalezo uze ubonise umntu omdala.

Hlala unethemba. Zama ukucinga ngokuhle njengezinto ozenza esikolweni ozonwabelayo. Ngalo lonke ixesha khumbula ukuba bakhona abantu abakuthandayo kwaye abakukhathaleleyo.

Zama ukuthatha amanyathelo ngokwakho. Thetha ngokuzithemba. Ukuba uyabona ukuba ukhuselekile, ungambuza umxhaphazi ukuba ingxaki yakhe yintoni na nokuba ningakwazi na ukuyisombulula nobabini.

Ungaze uthethe nomxhaphazi uwedwa. Cela umhlobo wakho ukuba ahambe nawe.

**Kufuneka wenze ntoni ukuba wazi umntu oxhatshazwayo?**

Ukuba kukho umntu omaziyo oxhatshazwayo, lo mntu ufuna uncedo lwakho. Ungangakwazi ukumnqandela ngokwakho, kodwa unako ukunceda. Thetha nootitshala bakho ngokuxhaphaza.

Nceda umntu oxhatshazwayo akwazi ukubaleka aye kwindawo ekhuselekileyo.

[Isicatshulwa sithathwe kwi-intanethi kwincwadi *IsiXhosa ULwimi Lweenkobe*, 7th Edition, ibanga 4, iphepha 5 saza salungiselelwa u-FAL ngabakwa-IEB]

**10 amanqaku**

## ICANDELO C IMIBONGO

Phendula yonke imibuzo esetwe kwimibongo.

### UMBUZO 3

#### 3.1 UMBONGO ONGAFUNDISWANGA

Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ilanga	
1	Yingqatsin' ekhaziml' okwegolide Ngumlil' ojikelez' umhlaba ubusuku nemini. Livel' empumalanga liqhekez' ubumnyama Ivuy' indalo kub' iza kufudumala.
2	Ziyacul' iintaka zakulibona Zibhabhe ziqhwab' amaphiko Ziman' ukuzibhijabhija zimibalabala Zintyiloz' elimitha yelanga.
3	Iintyatyambo zibhedulul' amehlo Zidlisele ngaloo mibalabala Zitsho ngoncumo zilinganis' uncumo lwelanga Neenyosi zitsho zifuman' isidlo.
4	Kaloku liliso loMdali eli Yiloo nto indalo idanisa ludlamko Kuba kaloku iliso likaMdali lixel' impilo Yonk' indalo iphila ngenxa yeli liso.

[Umbongo uthathwe kwi-intanethi, ubhalwe ngu Thabisa Baji waza walungiselelwa uFAL ngabakwa-IEB]

#### 3.1.1 Funda isitanza soku-1.

(a) Nika isafobe esikumqolo woku-1. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

- A Isikweko
- B Isifaniso
- C Isimntwiso
- D Isibaxo

(1)

(b) Xela kuba livela phi ilanga.

(1)

3.1.2 Funda isitanza sesi-2. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi.

(a) Cacisa ukuba iziva njani indalo xa kukho ilanga. (1)

(b) Nika izinto ezimbini ezenziwa ziintaka ukubonisa uvuyo. (2)

3.1.3 Funda isitanza sesi-3.

Khankanya izinto ezimbini ezidalliweyo ezivuyiswa lilanga kwesi stanza. (2)

3.1.4 Funda isitanza sesi-4.

(a) Xela okuthethwa libinzana 'iliso loMdali'. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

A Inyanga

B Ilanga

C Indalo

D Impilo

(1)

(b) Cacisa ukuba kutheni ibinzana 'iliso loMdali' liphinda-phindwa kwesi stanza. (2)

**[10]**

## IMIBONGO EFUNDISIWEYO

### 3.2 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

Ezinzulwini – P.M. Qangule	
1	Balele bathule baphumle, Bambi baxhwithwa ziinzingo zobomi. Bazolile balele kuthe nzwanga, linkwenkwezi zivum' ingoma yenzolo. Inyanga yombeth' umnweba wesibhakabhaka, Amafu afukame iimfefe zezulu.
2	Silele sithule sibeth' ithatha, Bakobentlombe abadala nabancinci. Kuzolile imizimb' iphumle, Imithambo yengqiqo nayo iziphumzile. Bonke balele baphumle, Baphuph' amaphupha.
3	Ezinzulwini iimveku zithule zizolile, Zibethwa yimpepho epholileyo yezulu. Zinyulu iintliziyo zimhlophe qhwa, Zirhangqwe ziingelosi zamazulu, Ezulwini ziyabukwa zizithunywa zezulu.

3.2.1 Xela *umxholo* walo mbongo. (1)

3.2.2 Funda isitanza soku-1.

(a) Caphula amagama amabini kwesi stanza abonisa ukuba *kusebusuku*. (2)

(b) Chonga *isifanekiso-zwi* kwesi stanza. (1)

(c) Bhala ngamazwi akho okuthethwa:  
*'Amafu afukame iimfefe zezulu'*. (1)

3.2.3 Funda isitanza sesi-2.

Cacisa ukuba ithini imbongi xa isithi *'bakobentlombe'*. Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi:

- A Bakukhaya khulu
  - B Bakwikhaya likamalume
  - C Bakobunzulu ubuthongo
  - D Babaleka phandle
- (1)

3.2.4 Funda isitanza sesi-3.

- (a) Chaza ukuba imbongi igxininisa ntoni xa esithi *'iintliziyo zimhlophe qhwa'*. (1)
- (b) Cacisa ukuba ziintoni ezi *'bukwa zizithunywa zezulu'*. (1)
- (c) Shwankathela esi stanza ngawakho amazwi. (2)
- [10]**

3.3 Funda lo mbongo ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**Ubusika – M.G. Mdliva**

Buhlabel' iinowuthsi bucaphuka,  
Bubufuthanisel' ubuhle bendalo.  
Uyancwin' ukhonkxiw' umphefumlo,  
Uhlaza lunyamezele luyahlininika.  
Umhlab' uhlutyiw' uyantswayiza,  
Imfuyo imfimfith' imfeketho.  
Ingumhlab' iimbambo ziyimfeketho.  
Abantu bancamile bayankcwayiza.  
Ncuma ntlakohlaza sivuye,  
Buntlantlath' ubusika busithele.  
Hlabel' ingom' emnandi ngenene.  
Iza kusabel' indalo idlamke.  
Ibong' izibele zakho zenene,  
Ihlangane nehlob' ihlubile.

3.3.1 Ingaba ufunde ntoni kulo mbongo? (2)

3.3.2 Nika izithetha nto-nye zala magama:

- (a) bucaphuka  
(b) lunyamezela  
(c) intlakohlaza (3)

3.3.3 Cacisa ukuba yintoni *'efuthanisel' ubuhle bendalo'*. (1)

3.3.4 Bhala kwakhona lo mqolo/mgca ngamazwi akho kucace intsingiselo yawo.

*'Ingumhlab' iimbambo ziyimfeketho'*. (1)

3.3.5 Khetha impendulo echanekileyo.

Lo mqolo '*Ncuma ntlakohlaza sivuye*' ngumzekelo we ...

- A simntwiso
- B sifaniso
- C sikweko

(1)

3.3.6 Shwankathela lo mhobe ngamazwi akho.

(2)

[10]

**30 amanqaku**

**ICANDELO D UKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**UMBUZO 4**

Bhala kwakhona ezi zivakalisi.

A *Kwixesha ebelidlula*

B *Kwixesha elalidlula*

4.1 UBongani akafundi eMonti.

(2)

4.2 Isikolo sidlala umbhoxo.

(2)

**[4]**

**UMBUZO 5**

Bhala kwakhona ezi zivakalisi kwisilanduli.

5.1 uMama ukhona.

5.2 Izolo ndiye esikolweni.

5.3 Utata unenja ekhonkothayo.

**[3]**

**UMBUZO 6**

Gqibezela ezi zivakalisi ngokuzalisa izikhewu. Khetha kula magama angezantsi.

kufuneka	hleze	kodwa	yiyo loo nto	ngokuba	kuba
----------	-------	-------	--------------	---------	------

6.1 Ndiyasithanda isikolo \_\_\_\_\_ andithandi kufunda.


6.2 Andiyi edolophini namhlanje \_\_\_\_\_ imoto yam yophukile.

6.3 UThemba uyagula. \_\_\_\_\_ aye esibhedlele.

**[3]**

### UMBUZO 7

Funda le ncoko iphakathi koNomsa noThemba. Phinda uyibhale le ncoko kwingxelo ntetho.



[2]

### UMBUZO 8

Nika izichasi zala mgama angezantsi.

- 8.1 bhityile
- 8.2 emva
- 8.3 mxinwa

[3]

### UMBUZO 9

Guqula ezi zivakalisi zibe kwisenziwa.

- 9.1 UZanele ufunda incwadi enkulu.
- 9.2 Ndihlamba izinja.
- 9.3 Inja iluma umntwana omncinci.
- 9.4 Abafundi badlala ibhola.

[4]

### UMBUZO 10

Gqibezela letafle njengoko ubonisiwe kumzekelo.

Umz: Abafundi	Naba	abakhulu	bona	asingobafundi
Umfundi	10.1	omkhulu	10.2	asingomfundi
Ilitye	Nali	10.3	lona	10.4

[4]

### UMBUZO 11

Gqibezela ezi zivakalisi ngokulungisa amagama akwizibiyeli.

Ngomso umama **11.1** (ya **11.2** (idolophu). Uza kuhamba **11.3** (abantwana) **11.4** (-khe).  
Uza kuhamba **11.5** (imoto).

[5]

### UMBUZO 12

Lungisa ezi zivakalisi zingezantsi ngokubhala amagama anomgca ngaphantsi kwisalathandawo.

12.1 Baya umlambo xa befuna ukudada.

12.2 UNomsa ufuna ndimjongele amazinyo umlomo wakhe.

[2]

30 amanqaku

Ewonke amanqaku:100